Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2026

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P1 ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: **80**

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-8

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Imigaqo yokuMakisha uvavanyo lokuqonda.

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukunika isohlwayo. Kanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI noNDIYAVUMELANA/ ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu: YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANISO/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo,oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/lingqanyaniswe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini – amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo,makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

ISICATSHULWA

1.1 1.1.1 Iqala engqondweni. √ (1)

1.1.2 Kukwazi ukutsala, ukudala, nokuguqula nawuphi umbono onawo ube yinyani. √ (1)

1.1.3 … unamandla √/ kunye nengqondo. √ (2)

1.1.4 Ziqhelise ukubona izinto ngendlela echanekileyo nechubekileyo ngokwenza isazobe, ibhodi yombono ubhale amanqaku akhayo. √ (1)

1.1.5 Ndiyakwazi ukwenza lo msebenzi kwaye uza kuba kwizinga eliphezulu neziphumo ezincomekayo. √/ ndinethemba lokuba indalo yonke iza kuzisa iqabane elifanelekileyo ebomini √/ ndiqinisekile ukuba ndiza kuhlala ekhayeni lam lamaphupha kwiminyaka emihlanu ezayo kwaye ndiza kujonga impilo yam√/ kwaye umzimba wam uza kundixhasa kuhambo lwam lobomi. √

[Nayiphi na ENYE kwezi] (1)

1.1.6 Kukutyhila ukuba angenza nezinye izinto ezikwizinga eliphakamileyo √√/ angenza okungaphaya bekungalindelekanga. √√ (2)

1.1.7

KHOLAM A	KHOLAM B
A	2 √ / (Ndiyakwazi ukwenza lo msebenzi) √
B.	1 √/ (Ziqhelise ukubona izinto ngendlela echanekileyo) √

(2)

1.1.8 Kunjalo, kuba xa uzibonakalisa uveza amandla nengqondo onayo kungoko ke amandla okwenza akuwe. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

1.1.9 Njengoko unamandla kunye nengqondo uza kuzityala nini ezi zityalo? √√ (2)

1.1.10 Kuya kubakho amathuba apho kuza kuba khona iingxaki. √√ (2)

1.1.11 Ukunciphisa iinkqubo zokukholelwa √/ ukucinga okubi √/ imikhwa engasakuncediyo. √

[Nayiphi enye kwezi] (2)

1.1.12 Ukusebenza usakha ikamva ngokucinga okuhle nokuzinzisa ingqondo yakho. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

1.1.13 Lokusityhilela ukuba amandla uzelwe unawo. (2)

1.1.14 Ndiyavumelana kuba uzelelwe indima ekufuneka uyisebenzele, uzibonakalise ukuba unawo amandla okufezekisa iphupha lakho. √√

OKANYE

Andivumelani kuba umntu uye azame ukuzibonakalisa kodwa kuphele amandla esendimeni engazibonakalisanga ngenxa yezizathu ezingaphaya kwamandla akhe. (2)
[24]

1.2 1.2.1 Utata nomntwana/ nonyana basebenza egadini basusa ukhula. √√ //bayalima. √√ (2)

1.2.2 Bafana ngesenzo sokuphatha isityalo √/ ukutyala √/bohluke ngeminyaka √/ Ubudala. √ (2)

1.2.3 Ngowokuba masilungiselele ixesha elizayo /ungomso sityale ngethuba/ silime sizo kuvuna ngexesha elifanelelekileyo. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka] (2)
[6]
[30]

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha isishwankathelo:
Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo. Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Ulwabiwo-manqaku:

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezi-7 (inqaku elinye ngengongoma nganye)
- Amanqaku ama-3 olwimi
- Amanqaku ewonke: ali-10

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo:

- 1-3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
- 4-5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
- 6-7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo..

- 6-7 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
- 4-5 amanqaku acatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.
- 2-3 Iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe amanqaku olwimi ABE MABINI.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

Ubalo-magama:

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiwe
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Xa udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphele kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

	lingongoma ezicatshulwe njengoko zinjalo.		**lingongoma ezinokubhalwa ngumfundi.**
1.	Eli qonga linika izibonelelo ezininzi, ezifana nokunxibelelana nokuguquguquka, kunye nemida ngomzuzwana.	1.	Eli jelo linika izibonelelo ezininzi, ezifana nokunxibelelana nokutshintshatshintsha, kunye nemida ngomzuzwana.
2.	Lenza imisebenzi emininzi, ukusuka ekudaleni umxholo wobugcisa njengembali nezixhobo zobugcisa.	2.	Lidala imisebenzi eliqela, ukusuka ekudaleni umxholo wobugcisa njengembali nezixhobo zobugcisa
3.	Ishishini linokusebenzisa iChatGPT ukuphucula, ukwanelisa abathengi ngokubonelela iimpendulo ezikhawulezayo.	3.	Inkampani inokusebenzisa iChatGPT ukuphuhlisa, ukwanelisa abathengi ngokubonelela iimpendulo ezingxamisekileyo.
4.	IChatGPT iyasebenza ekoyiseni ukuvaleka kwebhlogo lomlobi kunye nokuphuhlisa iingcinga.	4.	IChatGPT iyasebenza ekoyiseni ukuvaleka kwebhlogo lomlobi kunye nokuphucula iingcinga.
5.	Ikwaphucula ngokukhawuleza iimpendulo ezichanekileyo, yenza lula ubomi ngakumbi komntu ofuna ulwazi.	5.	Ikwaphuhlisa msinyane iimpendulo ezichanekileyo, yenza lula ubomi ngakumbi kumntu ofuna ulwazi.
6.	IChatGPT inceda ukuba bafumane ulwazi olunxulumene nemibuzo yabo ngokukhawuleza, okonga ixesha kunye nemali.	6.	IChatGPT inceda ukuba bazuze ulwazi olunxulumene nemibuzo yabo ngokukhawuleza, okonga ithuba kunye nemali.
7.	IChatGPT inxibelelana nabathengi, ifunda kwaye ihlengahlengise ngokuhamba kwexesha ngokusekelwe kubuchule bokufunda koomatshini. **[129] Amagama**	7.	IChatGPT isebenzisana nabathengi, kwaye ihlengahlengise ngokuhamba kwethuba ngokusekelwe kubuchule bokufunda koomatshini **[60] Amagama**

QAPHELA:
Izifinyezi okanye i-akronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama azimeleyo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

Ukumakisha iCandelo C

UMBUZO 3

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingongoma-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezi zivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezi, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

UMBUZO 3

ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 YiChlorella organic water. √ (1)

3.2 Kumthengi. √ (1)

3.3 Uza kuzuza amandla √/ nciphisa ukudinwa √/ iqinisa amajoni √/ idlamkisa umzimba. √

[Naziphina eziMBINI kwezi] (2)

3.4 B/ √ Ukungcamla √/ B √/ Ukungcamla B. √ (1)

3.5 Leqa. √/ rhabula. √ (1)

3.6 Yeyokuba bayibone imveliso ethengiswayo, babone umlinganiselo. √√ (2)

3.7 Kuluncedo kuba ofuna isaphulelo uya kulinda ulwesihlanu aze afumane amanzi ngoLwesihlanu.

OKANYE

Akuloncedo kuba umntu owafuna ngolunye usuku ingengolwesihlanu akafumani saphulelo. √√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka] (2)

[10]

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 4

IKHATHUNI

4.1 Babini. √ (1)

4.2 Balusapho √/ ifemeli. √ (1)

4.3 ... sineminyaka. √ (1)

4.4 Kungokuba ungumntwana. √√ (2)

4.5 D/Ndimxolele/ √ Ndimxolele. √

[Nayiphi enye kwezi] (1)

4.6 Luphawu lokulibala ukuba bagqibe ama-50 eminyaka. √√ (2)

4.7 Kube yinkuthazo kuba ufumene isipho. √√

OKANYE

Akuyonkuthazo kuba isikhumbuzo somtshato sihlala sihleli nokuba akukho sipho. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

[10]

UMBUZO 5

IPROZI

5.1 5.1.1 Phaya. √/ esikolweni. √

[Nayiphi enye kwezi] (1)

5.1.2 Omnye. √ (1)

5.1.3 ...ngamagqwetha. √ ziititshala. √ (2)

5.1.4 C/ √ sisibizo √/ C/sisibizo. √

[Nayiphi enye kwezi] (1)

5.1.5 Wa**ba**chazela ukuba **iidomestic ngabantu**. √√

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

5.1.6 Uhlobo lokuqhubeka. √√ (2)

5.1.7 Wena / √ isimelabizo soqobo. √ (2)

5.1.8 Gqr. √√ (2)

5.1.9 Isivumelanisi sentloko. √ / lisetyenziswe njenge sivumelanisi sentloko. √ (1)

[14]

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMFANEKISO

5.2	5.2.1	Usisi usebenzisa √√ le migubo kunye neziherbzi.	(2)
	5.2.2	Ngeli **thuba kuthengiswa** ngeeherbzi namagqabi **anesondlo**. √√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]	(2)
	5.2.3	Usisi akawugalelanga √√ umgubo embizeni.	(2)
			[6]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.